

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/IsiXhosa

| April 2017 Edition 1

Phakisa !! Phakisa !



Smallholder farmers are expected to play a major role in the implementation of Operation Phakisa for Agriculture, Land Reform and Rural Development.

Noluthando Motswai

President Jacob Zuma launched Operation Phakisa on Agriculture, Land Reform and Rural Development in Pretoria recently.

The central theme for Operation Phakisa for Agriculture, Land Reform and Rural Development is "Transforming the Agricultural Sector towards an Inclusive Rural Economy."

President Jacob Zuma said

it captures critical elements of government's socio-economic blueprint, the National Development Plan, and the 2017-2019 roadmap for radical economic transformation.

The President said land

FAST FACTS

- Phakisa is a seSotho word which means "hurry up".
- Operation Phakisa, the Big Fast Results Methodology was launched in 2011.
- It was adapted from a successful programme used in Malaysia.

reform is a central pillar of the radical economic transformation programme. "If we do not radically change the patterns of land ownership, control and management in South Africa we will be creating problems for ourselves in future. We need to take bold steps that will transform our economy, including land ownership, very fast."

It is partly because of the urgency of transforming South African society that the Agriculture and Land Reform Operation Phakisa was launched. ■



KZN patients get easy access to medication

Page 4



Growing township businesses

Page 8



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0179

Free Copy

Rural economies' obstacles, solutions examined

Noluthando Motswai

Ahead of the launch of the Operation Phakisa on Agriculture, Land Reform and Rural Development in February 161 people worked

in labs to understand the obstacles and solutions to greater inclusivity for rural economies, and growth in the agricultural sector. President Zuma explained this at the launch.

The President said the

deliberations of the lab participants were organised according to seven work streams: land reform; producer support; livestock; grains; horticulture; labour, and rural development.

Insights flow from work

streams

"The land reform work stream, for instance, has identified the establishment of District Land Reform Delivery Centres; fast tracking

Cont. page 2

Centenary celebration of Oliver Tambo

"Comrades, you might think that it is very difficult to wage a liberation struggle.

Wait until you are in power. I might be dead by then. At that stage, you will realise that it is actually more difficult to keep the power than to wage a liberation war. People will be expecting a lot of services from you. You will have to satisfy the various demands of the masses of our people. In the process, be prepared to learn from other people's revolutions. Learn from the enemy also. The enemy is not necessarily doing everything wrongly. You may take his right tactics and use them to your advantage. At the same time, avoid repeating the enemy's mistakes."

– Oliver Reginald Tambo (Angola, 1977)




Image: <http://www.youthvillage.co.za>

Ukuhlumisa amashishini asezilokishini


NGONCEDO LUKARHULUMENTE uNkululeko Mbhele uhlumisa ishishini lakhe ebelisispaza laya kuba yivenkile enkulu.

Albert Pule

Ukuqhube ishishini yinto elula kakhulu kuNkululeko Mbhele. Utatomkhulu wakhe waqalisa ishishini eliqhutywa lusapho emva kokufudusa usapho lwakhe elususa Ekurhuleni (eMpuma Randi) elusa eSoweto.

Kwakamsinyane utata wakhe wayithathela kuye ivenkilana kwaze emva koko yaba ngumninawa wakhe. Xa yayilithuba likaNkululeko lokuba ayithathela kuye ivenkilana wayiguqula wayisusa ekubeni 'sisikroxwana' esincinci yaba yivenkile enkulu.

Kwakamsinyane waqonda ukuba ukuqhube ivenkile enkulu kunemengeni yako. Ishishini lahluma lisuka kwispaza esincinane laba yivenkile enkulu. Omnye wemingeni elalijongene n a w o y a y i -



UNkululeko Mbhele ehlekisa ugxa wakhe kwivenkile yakhe enkulu i-Eambaheleni Supermarket.

lukhuphiswano nezinye iivenkile.

UMBhele weva ngelinge le-Gauteng Enterprise Propeller (i-GEP), iSebe laseGauteng loPhuhliso loQoqosho kune noPick n Pay (u-PnP) lokuncida amashishini asezilokishini ukuba ahlume.

Esi sivumelwano sokusebenzisana siquka ukuba iive-

nkilana eziselokishini zithe nge ngezixa ezikhulu izinto zokuthengisa kwa-PnP zize zizithengise elokishini zise benzisa uhlobo lokuthengisa olusetyenziswa kwaPnP, iziseko ezingundoqo, indlela yokuphawula nokubhala ishishini neempahla kune neyokubeka amaxabiso yawa-PnP.

UMBhele uthi ukusebenzisa nashishini elikhulu elifana noPick n Pay kwenze imingaliso kwishishini lakowabo.

"Igama elaziwayo lika-PnP linomtsalane ebantwini. Babek aamaxabiso afanelekileyo batsho nabantu bathontelane ukuza kule venkile," utsho.

Okoko saqala ukusebenzisa na no-PnP, ishishini likhulile kwayelenza ingeniso ephindwe kabini kuleyo belikade liyenza.

"Songeze nditsho nabasebenzi bethu. Besikade sinabantu abathandathu kuphela koda ngoku sinabantu abali-14 abasebenza ngamaxeha ahlukileyo."

IGosa eliyiNtloko yeSigqeba (i-CEO) se-GEP uLeah Manenzhe utha angathanda ukubona abanye abanini beevenkilana eziselokishini bewathatha amathuba anikezelwa ngurhumente kwaye betshintsha amashishini wabo abe ngaghaliswanga ngokusesikweni.

"Umbono we-GEP ngowo-kuqinisekisa ukuba amashishini amancinane aqhutyelwa phambili ukuze asuke ekubeni ngamashishini amancinane angabhaliswanga ngokusesikweni abe ngamashishini azinzileyo anegalelo elibonakala-yo kuqoqosho.

"I-GEP isebeza nawo onke amashishini, ukususela kumashishini aqalayo nangabhaliswanga ngokusesikweni ukuya kumashishini amancinani, amancinane naphakathi (ii-SMME), ookopolotyeni kunye noosomashishini abasakhulayo abafuna ukukhulisa amashishini abo.

**Ukuze ufumane
iinkcukacha ezithe
vetshe, qhagamshelana
ne-GEP kule nombolo:
011 085 2001**

Amagcisa aseMpuma Koloni anevenkile enkulu

AMAGCISA aseMpuma Koloni afumene inkxaso.

Siya Miti

I-Eastern Cape Craft Collection Store iyathakazelewa ngamaggisa omsebenzi wezandla kwiphondo kuba akholelwu ukuba iza kwandisa intengiso kwaye ibenze bafikelele kubathengi abangabakhenkethi.

I-Eastern Cape Craft Collection Store, esungulwe nguSekele-Mphathiswa weSebe lezoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci u-Elizabeth Thabethe, ibonisa iimveliso zobugcisa ezsuka kulo lonke iphondo leMpuma Koloni.

ISebe lezoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci lifake imali ezigidi ezi-1.23 zeerandi kule venkile, ithe-nga umsebenzi wobugcisa kumashishini obugcisa angapezulu kwama-80. Eli nani kulindeleke ukuba linyuke, litsho iQumru lezoPhuhliso laseMpuma Koloni (i-ECDC) elilo eliphethe levenkile.

Imali egalelwu lisebe kule venkile iza kuthenga izixhobo kuze kuqeshwe nomntu oza kulawula ukusebenza

kwayo kunyaka wokuqala. Kuqeshwe inkampani yolawulo enamava okuthengisa ukuze iqhubile venkile.

Imisebenzi yobugcisa isusa kwizinto ezenziwe ngeseramiki kune nezinto zokuhombisa endlwini, ezifana nemiqamelo, izitya namalaphu etafile kune nempahla yesintu ukuya kwizinto zokuhomba, ezifana neebhegi kune namaso. Iikhaphethi, izinto zokudalla, izinto ezenziwe ngofele, impahla yesintu kune neyala maxeha kune nezinto ezenziwe ngomthi nocingo nazoziza kuthengwa.

"Lo gama amashishini amancinici enamandla okuhlumisa uqoqosho oku akusoloko kuzenzekela. Ngumsebenzi wecebo elihlakaniphileyo lokuxha-sa amashishini amancinici elahlukileyo, elijongene necandelo elithile neligxini-sa kuholmlo ukususa imiqobo ethintela amashishini amancinici ukuba aphumelele," utshilo uSekela-Mphathiswa uThabethe.



Ungqinile ukuba kumashishini angama-80 akhethiweyo, abanini bamashishini angama-80% ngabasethyhini, angama-95% ngawabantu abantsundu aze angama-30% abe ngawolutsha ngokuphileyo. Angama-65% aphuma kwiidolophana zase-maphandleni nasezilalini aze angama-30% aphume kwimimandla yoomasipala

abambaxa.

Umama wabantwana ababini, uJoyce Kelele, owaqala ngowama-2000 ukwenza umsebenzi wokuhlohlia iintsimbi nowokuhombisa iiqhiya ngeentsimbi, uthi le venkile yobugcisa iza kumnceda ukuba afikelele kubathengi abaninzi.


"Ukuhlolahla iintsimbi kune nokuthunga yindlela

endiphile ngayo iminyaka eli-16. Sendivela nakwimiboniso i-Decorex kunye ne-Rand Easter Show, konke oku kwenzeka ngoncedo le-ECDC kunye noMasipala waseBuffalo City.

"Le miboniso isinceda si-phucule intengiso kuba sibuya nee-odolo ngoko ke ndilindele ukuba ingeniso yam inyuke." ■

Ukufikelela kwabo bonke kublungisa

ABAHLALI BASELIMPOPO bafikelela kamsinyane nalula kublungisa.



Noluthando Motswai

Inkundla ePhakamileyo yasePolokwane evulwe kutsha nje ngoku inecandelo elitsa elijongene nemiba yabasebenzi, oku kwe-nzeke ngenxa yoncedo lwe-Ofisi yeJaji eyiNtloko.

INKundla yezaBasebenzi kunye neNkundla yeziBheno za-Basebenzi yabhengezwa nguMongameli kwaye isebenza njengenkundla ekhetekileyo ejongene noku-sombulula iimbambano zabasebenzi.

Isithethi seCandelo leeNkundla loMzantsi Afrika uNathi Mncube uthe akukho zindleko

zokuya enkundleni ngaphandle kokuba abantu abachaphazelekayo baqueshe amagqwetha okanye ahlawulwayo ngomsebenzi wawo.

Uthe ngaphambilili izicelo bezifakwa kundlunkulu weNkundla eBraamfontein, eRhawutini.

"Ukusungulwa kwesebe lasePolokwane yinxalenyenye yeenzame eziqhubekeyo zokuqinisekisa ukufikelela kwabo bonke abemi base-Mzantsi Afrika kublungisa," utshilo uMncube.

Wongezengelithi isebe lenkundla yezabasebenzi laseLimpopo alisayi kusebenza ngo-

kwahlukileyo kundlunkulu oseBraamfonstein kunye namasebe aseKapa, eBhayi nase-Durban.

"INKundla yezaBasebenzi inegunya lolawulo lwezomthetho kuwo olithoba amaphondo kwaye ke ngaloo ndlela imisebenzi yenkundla ingenziwa nakweyiphi na indawo. Ngalo naliphi na ixeshukho imfuneko yokuya kwamanye amaphondo, kwenziwa amalungiselelo neenkundla ezifanelekileyo ukuze zincedise."

Ii-ofisi ezixhomekeke kwinkundla zase-kwa KwaZulu-Natal, eNtshona Koloni nase-Mpuma Koloni. I-Ofisi yeJaji eyiNtloko ya-

ndise inani labo basebenza ezi-ofisini kula maphondo ukuqinisekisa inkxaso efanelekileyo yeCandelo leeNkundla.

INKundla yezaBasebenzi inegunya lokugweba kumatyalathunyelwe enkundleni yiKomishoni yoLamlo noSombullo (i-CCMA), amaqumruh eengxoxo kwaye abamangali bayakwazi ukuziyela ngqo eNkundleni kuquka izibheno ezivelakwiingxoxo zeNkundla yezaBasebenzi.

Kuqeshwe iijaji ezi-li-10 kweli Candelo. IiJaji eziBambeleyo zi-tyunjwa ngamaxeshathile ukuze zichophele amatyala ngexesha lekhefu. ▶



OFFICE OF THE CHIEF JUSTICE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Ngobani iiNtloko zeeNkundla?

Eli binza lithi "iiNtloko zeeNkundla" libhekisa kuzo zonke iinkokheli zeCandelo leeNkundla zeli lizwe.

Ngamafutshane, iiNtloko zeeNkundla zenziwa yiJaji eyiNtloko njengeNtloko yeNkundla yoMgaqosiseko, uMongameli weNkundla ePhakamileyo yeziBheno, uSekela-Mongameli weNkundla ePhakamileyo yeziBheno kwisikhundla sakhe njengeNtloko yeNkundla yoNyulo, iiJaji ezingooMongameli zamacandelo ahlukaneyo eNkundla ePhakamileyo kunye neeNkundla ezilinganayo ngegunya ezifana neNkundla yezaBasebenzi kunye neNkundla yamaBango oMhlaba.

Ngubani ijaji eyiNtloko yeRiphablikhi yoMzantsi Afrika?

NgoHloniphekileyo uJaji Mogoeng Mogoeng.



Ngubani iSekela leJaji eyiNtloko yeRiphablikhi yoMzantsi Afrika?

OHloniphekileyo uJaji Bess Nkabinde liSekela leJaji eyiNtloko eliBambeleyo.

Ngubani oqesha ijaji eyiNtloko kunye neSekela leJaji eyiNtloko?

NgokweCandelo le-174 (3) loMgaqosiseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika uMongameli, njengentloko karhulumente, emva kokubonisana neKomishoni yeeNkonzo zobuLungisa kunye neenkokheli zamaqela amelwe kwiNdlu yoWisomthetho, uqesha ijaji eyiNtloko kunye neSekela leJaji eyiNtloko aze, emva kokungqbanisa iintloko neKomishoni yeeNkonzo zobuLungisa aqeshe uMongameli kunye noSekela Mongameli weNkundla ePhakamileyo yeziBheno.

Yintoni umahluko phakathi kweejaji kunye noomantyi?

Ijaji ligosa elongameleyo kwiNkundla ePhakamileyo aze umantyi ongamele imiba eseNkundleni yeNgqingqi okanye yeSithili kaMantyi.

Ngubani oqesha oomantyi?

UMphathiswa wezoBulungisa kunye noPhuhliso loMgaqo-siseko, emva kokucetyiswa yiKomishoni yooMantyi, uqesha oomantyi.